



Imigaqo yoLawulo Iwamadlelo

- e Central Karoo

i Central Karoo ngum'mandla ofumana iimvula ezinkulu ngexesha lasebusika novelisa izityalo zohlobo lwe Nama Karoo. Um'minge wemvula wohluka phakathi kwe 100 – 300 yee mm yaye nale ngingqi ingachazwa njengomhlaba oyinkqantosi okanye obharhileyo. Izityalo eziku mazantsi e West Coast ziyingxalenye yokwahluka-hlukana kwezityalo ze Fynbos, ingakumbi ezi ntlobo zikumadlelo akumhlaba osesantini. Zombini ezi ngingqi zezi zityalo zineentloblo-ntloblo ezininzi zezityalo ezingafumanekiyo kwezinnye iindawo nekufuneka zikhuselw. Zonke iintloblo zotyani zinobuthathaka ekubhulweni kwamadlelo yaye kungoko kubalulekile kakhlulu ukuba kumiselwe ulawulo olululo Iwamadlelo ukuze kuqinisekiswe ngolondolozo Iwamadlelo ngokuthi avulelw imfuyo ngexesha nangendlela efanelekileyo.

Ulawulo Iwamadlelo lungohlulwa lube ntlu mbini nezizezi:

- amadlelo (idlelo (emadlelwani, amadlelo asesi-lungwini, njl njl.); kunye no
- awulo (Iwemveliso **yeyityalo**, imveliso **yembewu**, ukutyalwa **kwezithole**).



Ayintoni amadlelo yaye kutheni lento abalulekileyo?

Amadlelo avelisa ukuya kwempahla efuyiwego.

Oku kuqinisekiswa nge:

- ngokushinyana kwesihlahla sesityalo;
- ingqokelela yeyityalo (iintloblo ezahlukeneyo zezi-tyalo eddelwani);
- mveliso (isivuno sezityalo), kunye ne

Oku kuphenjelelw:

- Ngumhlaba – ungaphuculwa ngokufaka umgqua-ba emhlabeni, nokunceda ekubeni amanzi atshone ngokungcono nto leyo ikhokelela eku-chumeni kwezityalo ezishinyeneyo, ukuya okongezelekileyo nokukhukuliseka okungephi komhlaba.
- Isimo sezulu (ukuna kwemvula, neqondo lobushushu, njl njl.)
- ULAWULO – le yindima esetyenzwa ngabantu.

Ukuba umfama akaliniki sihoyo ze alikhathalele idlelo lakhe, akasayi kuba nakutya kwemfuyo yakhe.

Imihlaba yamadlelo

Isixa sezityalo okanye ukuchuma nokushinyana kwezityalo, uhlobo lwezityalo (ingqokelela yeyityalo) ezifumaneka emadlelwani, ubukhulu bezityalo, ukuginyeka kalula nendlela entle ezikhula ngayo (imveliso) zibonakalisa ubungakanani bokutya ezizakubuvvelisa ngokungaphandle kwemvelo esinqongileyo, umnini fama unegalelo elikhulu amele kulenza ukuzalisekisa oku. Kubalulekile ke ngoko uyazi ukuba imfuyo yakho ilidla njani idlelo eliyivulelwego, ukuze ubenlwazi lwezityalo ezikhoyo eddelwani ze waz ubunjani bemeko yedlelo elo livuliwego.

Imeko yedlelo liyimeko yeyityalo ngokumalunga neempawu ezinje ngengqokelela yeyityalo ezahl-ukileyo, ukushinyana kwazo, imveliso, ukuginyeka kalula nesondlo esiphuma kuzo. Ukuchuma kwedlelo kuxhomekeke kwimeko yenkampi okanye kumhlaba wamadlelo lefama.



Ingaba imfuyo iliseben-zisa njani idlelo?

Iqala itye izityalo namqqabi aginyeka kalula ze ekugai-beleni zibuyele ukuya umququ oshiyekileyo. Izityalo eziginyeka



kalula ziqluka ezi zilandelayo: vaalbietou (Chrysanthemoides incana), rusty sage/ sandsalie (Salvia lanceolata), perdebos (Didelta spinosa), Hartbees grass (Chaetobromos dregeanus), ingca ehlala unyaka wonke/ rooisadgras ne (Ehrharta calycina). Nangona ezi zityalo zixhomekeke kumlinganiselo othile noqingqiwego wokutya ukuze zikhule, ukubhuqwa kwedlelo liphele kungabangela ukuqhwalla ekukhuleni kwazo yaye kufuneka kuthathelwe ingqalelo ezinzileyo ngendlela nomlinganiselo osetyl-eniswayo xa kusetyenzwa izityalo ezisedlelwani, in-

gakumbi kwizityalo ezinencasa. Ukuze kusale ukutya okunokusetyenziswa ngamaxeshu embalela, akufunezi kusetyenziswe ukutya kwezityalo ezingaphezu kwama 40% ezityalo kunya ka omnye.

Ukuba umhlambi umkhulu okanye kudala imfuyo ihleli edlelweni, iyakuzitya izibhuqe zonke izityalo ezinencasa ngoxa zishiyeka zisemi zona izityalo ezin-genancasa yaye zibe zisanda, lonto ibangela ukuba



umfama agcine umhlambi omncinci ngexesha enkampini. Oku kusekwakhokelela ekunyathelweni kwezityalo nto leyo inokubangela umhlaba ogangatheke waza waqina de amanzi angakwazi ukutshona emhlabeni nto leyo inokubangela ukuba ukuntshula kwezithole kube nzima.

Kubalulekile ke ngoko ukuba umfama alazi idlelo lakhe, azazi izityalo ezinqwenelekayo, izeziphi athanda ukuba zingazininzi yaye izeziphi ezingenanca nezinethyefu nakuzo ezo afuna kubekho zibem'balwa okanye zingabikho edlelweni lakhe. Kufuneka azi kananjalo ukuba zeziphi izityalo ezingafunekiyo, nezinjenge *Prosopis spp.* (mesquite tree), cactuses, slangbos/bankruptbush, njl njl, kunye nokhula oluqinisekisiweyo olunjue nge burweed, cocklebur njl njl.

Ingaba idlelo liya lisibangcono na okanye liya ngokonakala ekuhambeni kwexesha?

Ingaba izityalo ezinencasa ziyanda ze zikhule zizikhlu na, ze ke ngoko zibangele ukushinyana nokutya okongezelekileyo ze oko kubangele ukhukuliseko olungephi lomhlaba, okanye ingaba izityala ezdliweyo nezinamaqhombonqa na, zibhuqwe zaphela na okanye zinqabile? Ukushinyana kwezityalo ezikwi West Coast kuyanda nge 15% ukusukela emantla nge 40% ukuya emazantsi ngenxa yokongezeleka kom'minge wemvula enayo. Into ebonisa ukuba idlelo libhuqiwe kukwanda kokubonakala kwe kraalbos, katdoring, kriedoring (*Lycium arenicolum*), blasiebrak kunye ne resin bush/ harpuibos njl njl.

Enye into ebonakalisa imeko nobunjani bedlelo kukubona kuhula izithole kunye nezityalo eztsha kwizityalo ezinencasa zikhula edlelweni, okanye kubonakale kuhula kuphela izityalo ezingenanca.

Umhlaba

Indlela ekuphathwa ngayo amadlelo kunye namasimi iyakuba nemiphumela eyoba nefuthe ixesha elide emhlabeni. Ukuba ngaba amasimi abhuqiwe aze anyathelwa yimfuyo ngenxa yokungaphathwa kakuhle, kungenzeka ukhukuliseko-mhlaba okanye umhlaba wome uqine ngaphezelu. Oku kuthetha ukuba izithole ezhilwayelweyo nezintshulayo azikwazi kunge-na emhlabeni ukuze kumile iingcambu ze ziphuhle,



yaye namanzi ayaqengqeleka endaweni yokuba atshone emhlabeni. Oku kuyakuthibaza ukulunga kokunetha kwemvula, umhlaba uyemka nto leyo inokukhokelela ekuqhekekeni komhlaba ube nemifula.

Ekwenzeni isityalelo esinokuntshulisa nesikwaziyo ukovelisa izityalo, ze sibeneziphumo ezihle, ngokusebenzia ulawulo olululo nolondolozo lwemveli nolusengqiqweni, kufuneka umfama aqinisekise ukuba zikhona izichumisi zemveli (umgquba) (izihlahla, amagqabi, njl njl.) emhlabeni okwaziyo ukubola ze ujike ube zintsholongwane kumhlaba owondla izityalo (organic carbon). Xa umhlaba sele uthwele, oku kuyakunceda ekulawuleni iqondo lobushushu bomhlaba yaye nemingxunya esemhlabeni izakunceda ekutshoniseni amanzi kakuhle kuba amanzi engasayi kugengqeleka lula engangenanga emhlabeni, kuyakunceda nasekumiliseni iingcambu nzulu kakuhle ze izithole zikhuseleke.

Ingaba umfama uya kuqiniseka njani ukuba idlelo lakhe liyokwazi ukuyondla ngokwanelisayo imfuyo?

Oku angakwenza ngokusebenzia **ulawulo** olululo. Ngezantsi ziengongoma ekufuneka siziqaphele:

1. inani lemfuyo umfama anokwazi ukuyondla (edlelweni); kunye
2. nendlela ayilandelayo yolawulo.

Ukudla okufumaneka edlelweni kunye nenani lomhlambi

Ukudla okufumaneka edlelweni ngamandla efula elithile ekuveliseni ukudla edlelweni, ngako oko, linani lemfuyo umfama anokuligcina enkampini okanye efama, ngaphandle kokubhuqisa umthombo wemveliso yokutya nengu (mhlaba, izityalo, njl njl.). Njengokuba sele kukhankanyiwe, oku kuxhomekeke kwimeko yedlelo. Ukudla okufumaneka edlelweni kubalwa ngale ndlela ilandelayo ngokwee Hektare: ha/ngenkomu enye, okanye kubalwe ngeeHektare ezifunekayo ekondleni inkabi yenkomu enobunzima obuzi 450kg ngonyaka. Meissner and others (1983) bohlula-hlule yonke imfuyo kunye nezilwanyana zasendle njenge nkomo enye. Umzekelo: imazi yegusha nevelisa uboya (eyomileyo) = 0,15 ngenkomu enye, ngelixesha imazi yegusha evelisa uboya ibe inetakane ilinganiswa no 0,20 ngenkomu enye .

LILONKE inani leenkomo akufuneki lidlule kwisindululo senani lomhlambi kumlinganiselo osikiweyo wedlelo

IKum'mandla we Karoo noyingingqi efuya iigusha kakhulu, oku kuthetha ukuba kukutya okufumaneka edlelweni nokuyi 30 ha/ ngenkomu enye kufuneka kangange 4,5 yee Hektare zomhlaba ukondla igusha enye (isixhenxe seemazi zegusha kwezivelisa uboya zilinganiswa nenkomu enye. Umfama angakwazi ukufuya kangange 700 yeegusha kumhlaba wakhe oziHektare ezingama 3 000, ngamanye amagama 400 yeemazi ezizalayo kunye namatakane, iinkunzi zegusha kunye neemazi zotshintshelwano. Kum'mandla we Central Karoo ukudla okufumaneka edlelweni kuyohluka ngeeHektare ezi 80 ha/ ngenkomu enye ukuya ku 16 ha/ ngenkomu

enye ukusuka eNtshona ukuya eMpuma.
Amava: LSU x 4,1 = iimazi ezizalayo zegusha zomhlambi omncinci ozii (Angora, Merino, Dorper, njl.).

Umhlambi weenkomo wenziwa linani lemfuyo umfama anokulifuya kangangexesha elithile kuhlobo lomhlaba othile wedlelo (inkampu/ifama). Oku kuquka yonke imfuyo esefama, iinkomo nempahla emfutshane, iigusha iinkomo, iinkunzi zenyamakazi, iidonki, iinciniba, iinyamakazi ezizingelwayo njl njl. Khumbula ukuba imfuyo iyazala, ke ngoko, makukhunjulelw yonke imfuyo, iinkomo kanye nempahla emfutshane ukuba iyawuzalisa umhlambi.

Makulungelelaniswe ukudla okufumaneka edlelweni kanye nobukhulu bomhlambi ukuze kuqinisekwe ngokuzinza kwendlela yokuvelisa inzala efama.

Ukudla okufumaneka edlelweni lefama kubonisa inani lemfuyo elinokufuya kulo fama, noxa inani leenkomo lona libonisa inani leenkomo ezinokufuya. Ukuba umfama ufuye iinkomo ezingaphezu kokudla okufumaneka kwifama yakhe, imeko yedlelo yokhawuleza ibhuqeke ze anyanzeleke ukuba afuye umhlambi omncinci kwixesha elide.

Ukudla okufumaneka edlelweni bubungakanani benani lomhlambi onokuwufuya efama.

Umhlambi weenkomo linani lomhlambi owufuyileyo efama.

Ukuba umfama ufuye imfuyo em'balwa kunokuba kuvumelekile ngokomlinganiselo osikwe ngokokudla okufumaneka edlelweni, oko kuyakulincreda idlelo kanye nemfuyo ngoba idlelo loba nokutya okusalayo (izityalo ezitsha, ukuhluma okutsha kwezityalo, iintyatyambo, ukumila kwembewu njl njl.) ze liphucuke ekuhambeni kwexesha. Kobalula kumfama ukumelana namaxesha embalela (akusayi kufuneka ukuba aziphe ukudla okongeziwego – oku kongeza iindleko), yaye kwixesha elide, usengakwazi ukufuya umhlambi omkhulu.

Isindululo esiqhelekileyo sesokuba ufuye umhlambi omncinane kunalowo umele ukuwugcina ngokwesindululo esingokokudla okufumaneka edlelweni. Isindululo sokudla okufumaneka edlelweni kulixabiso kwixesha elide kwanesiboniso seemeko ezintle zokudla okufumaneka edlelweni. Oku kulunge kwimimandla emikhulu ye Central Karoo neyi 36 yeeHektare ha/LSU zomhlaba. Kobakho iminyaka yokuna kwemvula engentla nangaphantsi kom'minge oghelekileyo kwixesha lemnyaka eli 10 qpho kunokufuya umhlambi omkhulu okanye omncinci, kodwa ngokomlinganiselo ophakathi, akufuneki kugqithiselwe kumlinganiselo wenkab'enkomo enye ngokomhlaba oziHektare ezingama 36 kwixesha lemnyaka eli 10. Kwidmnyaka yembalela, kufuneka lithotywe inani lemfuyo ukuze imelane nomlinganiselo wokudla okusaseleyo. Ngexesha lemnyaka enemvula entle, lingongezwa kancinci inani lomhlambi kodwa kungadlulelw ngaphezu kwenani elimiselweyo.

Imihla yokuvulelw kwedlelo

Makhe sikhangele kumzekelo wenani leentsuku zokuvulwa kwedlelo:

Imihla yokudliwa kwedlelo =

Ubukhulu befama ÷ ngokudla okufumaneka edlelweni x 365 yemihla = 4 000 yeeHektare ÷ 36 yeHektare/LSU x 365 yemihla = 40 555 yemihla yokuvulwa kwedlelo /LSU.

Kukudla kwemihla emingaphi okukhoyo kwi 110,5 LSU? (impahla emfutshane + nenyne imfuyo)

= totali yemihla yokuvulwa kwedlelo ÷ LSU
= 40 555 ÷ 110,5 = 367 yemihla yokuvulwa kwedlelo

Kungakanani ukudla okusaseleyo kwi 259 LSU? Inani lemfuyo ekhoyo efama kulo mzekelo yi:
= totali yemihla yokuvulwa kwedlelo ÷ LSU
= 40 555 ÷ 259 = 157 yemihla (5,2 yeenyanga)

Le ndlela inye isekwasetyenziswa ekufumaniseni inani leentsuku zokuvulwa kwedlelo

Umzekelo:

Ubukhulu befama (idlelo elikhoyo): 4 000 yeeHektare (ubukhulu befama iphelele – (amasimi+amabala aleleyo+iindlela, njl njl.))

Isindululo sokudla onokufumana edlelweni:

36 yeHektare/LSU/ngonyaka

Imfuyo enokuthwalwa (idlelo) lefama:

Ubukhulu befama ÷ ngokudla okufumaneka edlelweni
4 000 ÷ 36

= 111 LSU ngonyaka

Inani leenkomo efama (idlelo) (lilonke inani leenkomo ezifuywe efama):

800 yemazi zegusha ezizalayo (iigusha ezivelisa uboya) x 0,15 LSU = 120 LSU

900 yamatakane x 0,10 LSU = 90 LSU

25 yeenkunzi zegusha x 0,19 LSU = 4,75 LSU

linkomo ezi 4 = 4 LSU

300 yemazi ze springbok x 0,LSU = 27 LSU

100 yeenkunzi ze springbok x 0,10 LSU = 10 LSU

3 samathokazi ehashe x 0,15 LSU = 3,15 LSU

Totali 258,9 LSU

Idlelo lithwala i LSU engaphezulu nge 148 kunokuba kumiselwe nto leyo inokubangela ukuba libhuqeke ngokukhawuleza.

Xa izilwanyana zasendle, iinkomo, amahashe, iidonki, njl njl, bezinokudityanisewo kushishino lweefama epheleleyo enje ngeye mpahla emfutshane, makuqale kuthatyathwe kumlinganiselo wenani lobukhulu bedlelo elo phambi kokufumanisa inani lempahla emfutshane enokufuya.

Imfuyo eyongezelweyo efama = 44,15 LSU (springbok, iinkomo, amahashe).

Ke ngoko 111 – 44,5 = 66,85 LSU nelingana nempahla emfutshane enokufuya.

Lingakanani inani lomhlambi (wempahla emfutshane) elifunekayo?

220 yemazi ezisazalayo x 0,15 LSU = 33,0 LSU

40 yemazi ekutshintshiselwene ngazo x 0,15 LSU = 6,0 LSU

260 amatakane x 0,10 LSU = 26,0 LSU

7 yeenkunzi x 0,19

Totali yempahla emfutshane esefama:

= 1,33 LSU

66,33 LSU

Ukuze ukwazi ukufuya inani elongezelwego lempahla emfutshane kule fama, kofuneka kuthotywe inani lemfuyo eyongezelwego.



Ukuba umfama ufunu uku-fuya umhlambi owongezele-kileyo kunokuba kuvumelekle ngokomlinganiselo omiswe ngokokudla okufumaneka edlelweni le fama, kufuneka azondle ngokutya okongiw-ejo – esibayeni. Akufuneki imfuyo inikwe ukudla edlelweni ngoba oku kuhokelela eku-nyathelweni nasekubhuqweni kwemeko yedlelo. Nokuba imfuyo ingathunyelwa ukudla edlelweni, iyoqhubeke isidla kwidlelo elo. Ukuba umfama ufunu ukufuya imfuyo eyongeziwego, loba lifutshane ixesha lokusetyenziswa kwedlelo (khangela ibhokisi enomzekelo wemihla yokuvulelwya kwedlelo). Ukutya okongeziwego kuhokelela kwiindleko eziphezulu. Ukuba umfama akasayi kuzondla, oku kuyakuk-hokelela ekubhuqweni kwedlelo kune namanye amath'anga kuquka nokuhla kwamanani enzala yemfuyo (into etheth'ukuba i persenti yamatakan angondlekanga, ukutyeba nokushinyana kwezityalo kune nokuhla kwemfuyo ziyakwehla). Zonke ezi ngongoma nazo zichaphazela kakubi ezezimali.

Ulawulo

Kuyeyona nto ilungi-leyo ukuba umfama awufuye umhlambi weenkomo zakhe ul-ingana okanye unga-phantsi kokudla okufumaneka edlelweni kodwa noko kunjalo, ukuba idlelo ali-phathwanga kakuhle lisenoqubhuqeka. Oku kwenzeka xa iinkomo zisidla kwinkampi enye kwixesha elithile lomnyaka, umzekelo, inkampu yamata-kane okanye inkampi yokuqhelanisa ithokazi nethole lalo, njl njl. Ukuba inkampi ivulelwya ukudliwa yimfuyo yonke imin-yaka xa kanye izityalo eziginyekayo kalula ziqlala ukudubula zisiba yimbewu, izityalo azisayi kukwazi ukukhula ngokuphinda-phindeneyo. Izityalo ezi-nencasa nezibhuqiwego aziphinde zikhule ze emva kweminyaka eliqela zonke izityalo eziginyekayo kalula nezingumthombo wokudla okunesondlo zobe ziphelile ze oko kuhokelele ekubenit kufuywe um-hlambi omncinci. Imveliso yemfuyo nayo izakunci-pha ngoba ukudla kwayo akukho mgangathweni.

Kubalulekile ke ngoko ukuba kwenziwe ithuba lokulalisa amadlelo / kulandelwe indlela yokudlisa imfuyo edlelweni apho ifama iyakohlulwa-hlulwa ibe ziinkampi ze inkampi nganye ifumane ithuba lokula-

liswa ingadliwa kwixesha elithile lomnyaka. Indlela yokuthintela ukudliwa okungenakhefu kwedlelo, kufuneka ifama yahlula-hlulwe ibe ziinkampi ze imfuyo ijikeleziswe ukuze idlel'iinkampi ezahlukileyo ebuden bomnyaka. Kufuneka ezi nkampi zibe nomjelo wamanzi osesazulwini nongowokunkcenkceshela ukuze ingca ikhule kakuhle kuzo zonke iinkalo zenkampi.

Umzekelo:

Ifama eneenkampi ezininzi ingazohlula-hlula zibe ziinkampi zeentlobo ezine, nalapho inkampi yehlo-bo oluthile imele uhlobo olwahlukileyo lokudla kule fama, umzekelo wokudla okusezintabeni, emaqethukeni, emathanga naphezu kwemilambo. Kufuneka umphezulu womhlaba kune nokudla okufumaneka edlelweni kuhlobo ngalunye lokudla zibe bulingana ngobukhulu ze zikwazi ukondla inani elilinganayo lemfuyo.

Hlobo ngalunye lokudla lufumana ithuba loku-phumla ixesha lonyaka wonke . Olo hlobo luphu-nyuziweyo aluze luvulelwya ukuba ludliwe kwixesha elithile lomnyaka kwiminyaka emine. Iintlolo zokudla kwiinkampi zifumana ithuba elaneleyo lokudubula, liveze imbewu ze nezithole zifumane ithuba lokumila ze kubekho ukudla okushiyekayo xa imana ikhula.

Indlela yokusebenzisa iinkampi ezine:


	Disc/Jan/Feb	Mats/Apr/Mey	Jun/Jul/Agast	Sep/Okt/Nov	Phumla
Year 1	Camp A	Camp B	Camp C	Camp A	Camp D
Year 2	Camp B	Camp C	Camp D	Camp B	Camp A
Year 3	Camp C	Camp D	Camp A	Camp C	Camp B
Year 4	Camp D	Camp A	Camp B	Camp D	Camp C

Zintathu kuphela iinkampi zohlobo lokutya eziul-wayo ngonyaka, ngeli xesha uhlobo lwsine lwen-kampi lulele unyaka wonke ze luhphinde luvulelwya imfuyo kumnyaka wesithathu. Inkampi ilaliswa ixesha elizinyanga ezili 18 zisonke ze emva koko ifumane ikhefu lesiqabu leenyanga ezi 6-9 kumnyaka wesine. linyanga ezili 18 zekhefu lesiqabu zilandela emva kokuvulelwya kohlobo lwengca ukuba idliwe kade kakabini kwixesha lomnyaka ophelileyo nalapho lufumene iinyanga ezintandathu kuphela zokulaliswa phakathi kwamaxhesha okuvulwa kwamadlelo.

Ifama eneenkampi ezim'balwa ingalandela ukusetyenziswa kwenkampi ezine kwangendlela enye esetyenziswa ngamafama aneenkampi zeentlobo ezine zokudla.

Izilwanyana zasendle:

Akulula ukutshintsha-tshintshwa kwamadlelo omy-ezo wokugcinwa kwezilwanyana zasendle njenga kwiinkampi zemfuyo. Izilwanyana zasendle zidla emadlelweni ngalo lonke ixesha nto leyo ifunisa ukuba kufuywe i 60% yempahla okanye ngaphantsi kwenani elivumelekleko lokufuya iinkomo. Oku kuyakuqinisekisa ukuba imihlabu yamadlelo yofumana ithuba elingcono lokubuyisa ekukhuleni kwengca emva kweemvula. Ngokuvulelwya kokudli-wa kwedlelo ngalo lonke ixesha, imfuyo ithanda ukudla kakhulu kwiindawo ezinezityalo eziginyeka lula, ngamanye amagama ithanda ukudla iintyat-ambo yaye ezi iba zizityalo zomnyaka olandelayo.



Ulawulo Iwembalela:

Phambi kokuba um'mandla ufunyanwe yintlekele yembalela, kufuneka kuthotywe inani lemfuyo. Kufuneka imfuyo ifuduselwe esibayeren ukuze kulinganiswe inani elifunekayo ukuze kugcineke ingca esaseleyo eddelweni. Kufuneka lithotywe ngokupheleleyo inani leenkomo de ibe linani elifunekayo ngokuthi kuqale kuthengiswe iinkabi kune neebhokhwe ezitheniwego ze kulandeliswe ngempahla ese ikhulile ze kulandele ezizakuxhelwa, kuquka neemazi zegusha ezingazalanga kunya ophelileyo. Kufuneka kulandelwe indlela / umgaqo ocacileyo xa kuhethwa impahla ezakuthengiswa.



Nokokuba unayo akanye awunayo indlela yokuphathwa kwedlelo lemfuyo, ligcine liphantsi inani lemfuyo yakho ukuze umonakalo wedlelo ungabimkhulu ukuze namaxesha embalela / nentlekele akwazi ukulawuleka ngokulu-

la. Lazi idlelo lemfuyo yakho ze ukuqaphele ukubaho nokungabikho kwezithole zeziyalo eziginyekayo. Kuhle uqinisekise ukuba zingabi ngaphezu kwesiqingatha sazo (50%) ezidliwego yaye sikhona isichumisi semvelo esikhoyo emhlabeni (amasebe omthi kune namagqabi njl njl).ekugqibeleni, kufuneka uyijonge imeko yemfuyo yakho kune nokuzala kwayo. Ukuva imeko yemfuyo yakho iqala ukuba mandundu (ukuhla emgangathweni), uyakubona ukuba ingca esaseleyo iyabuna. Eyona nto ibalulekileyo ekufuneka uyikhumbule yeyokuba ungumfama womhlaba wedlelo yaye awunguye umfama weenomo.

Qhagamshelana ne-ofisi yakho yegosa lolwazi (ingcaphephe kumadlelo) kune negosa lokulondolozwa kwemihlabu ngoncedo Iwesicwangciso kulawulo Iwamadlelo kwifama ethile.

Kukhangelwe / References:

Snyman H. 2012. Gids tot die volhoubare produksie van weiding. Landbouweekblad en Landbou.com, Kaapstad.

Esler KJ, Milton SJ & Dean WRJ. 2006. Karooveld: Ekologie en bestuur. Briza publikasies, Arcadia.

Meissner HH, Hofmeyr HS, van Rensburg WJJ & Pienaar JP. 1983. Klassifikasie van vee vir sinvolle beraming van vervangingswaardes in terme van 'n biologies-gedefinieerde Grootvee-eenheid. Technical communication no 175, Department of Agriculture, South Africa.

Mucina L & Rutherford MC (eds). 2006. The vegetation of South Africa, Lesotho and Swaziland. Strelitzia 19. South African National Biodiversity Institute, Pretoria.

Ibhalwe ngu:

Nelmarie Saayman,
kwiSebe loBunzulu-Iwazi kwiZityalo,
kwiSebe leZolimo eNtshona Koloni;
kune nabanye.

Khumbula ukuba, uqale ube ngumfama womhlaba wedlelo ze ulandelise ngemfuyo yakho. Ukuba awu wukhathalelanga umhlaba wefama yakho, awuzu kubanalo ifula lokondla imfuyo ze ungarbinayo ingeniso!

info@elsenburg.com
www.elsenburg.com / www.westerncape.gov.za



Western Cape
Government
Agriculture